

# IIMASKI

## Into ekufuneka uyazi

Iimaski zelaphu ezenziwe kakuhle azithathi ndawo ye**Migaqo emi-5** esiSiseko yoCoceko. Zinganika ukhuseleko olungaphaya ukuba zenziwe kakuhle yaye zisetyenziswa ngokukuko.

Ungasebenzisi izixhobo zokuphefumla zeN95 kunye neemaski zonyango. Zinqongophele, ngoko ke masizingcine ukuze zikhusele abasebenzi bezempilo abakhathalela abo bosulelwe yintsholongwane yeCOVID-19.

### Landela Imigaqo emi-5 esiSiseko yoCoceko ukunqanda ukusasazeka kwentsholongwane i-corona:

- 

**1** Hlamba izandla zakho rhoqo ngesepha kunye namanzi okungenani imizuzwana engama-20.
- 

**2** Ungabuphathi ubuso bakho ngezandla ezingahlanjwanga.
- 

**3** Khohlelela okanye uthimlele kwithishu okanye engqinibeni. Loo thishu yilahle ngokukhuselekileyo.
- 

**4** Gcina umgama oyimitha eyi 1,5 phakathi kwakho kunye nomnye okanye nabanye abantu.
- 

**5** Hlala ekhaya ukuba awuziva mnandi. Qhagamshelana nomsebenzi wezempilo okanye utsale umnxeba kwinombolo esekiweyo.

 iHotline yeSizwe: 0800 029 999

 iHotline yePhondo: 021 928 4102

 iNational WhatdApp: 0600 123 456



URhulumente  
weNtshona Koloni

**STOP** UKUNWENWA KWALE NTSHOLONGWANE

NGOLWAZI OLUTHE VETSHE:  
[www.westerncape.gov.za](http://www.westerncape.gov.za)

# Sebenzisa imaski yelaphu ngokukhuselekileyo:

- Khumbula ukuba iimaski zelaphu azithathi ndawo ye**Migaqo emi-5** esiSiseko yoCoceko.
- Iimaski zelaphu ezisetyenziswe ngendlela eyiyo zinganika ukhuseleko olungaphaya.

## 1 Xa ufaka imaski:



- Hlamba izandla zakho kuqala.
- Beka umphakathi wemaski ococekileyo ebusweni bakho.
- Gquma impumlo kunye nomlomo wakho.
- Qinisekisa ukuba ihlala kakuhle, ungayiphathi indawo elilaphu.

## 2 Ngexa unxibe imaski:



- UNGABUPHATHI UBUSO BAKHO okanye ucofacofe imaski.
- Yisuse imaski ukuba imanzi.

## 3 Xa ukhupha imaski:



- Phatha imitya kuphela.
- Yigcine kwinkonkxa de uyihlambe.
- Hlamba izandla zakho emva kokuyikhupha.


## 4 Ukukhathalela iimaski zakho:

- Yiba neemaski ezi-2 ukuze uhlale unayo ecocekileyo.
- Ungabelani nabanye abantu ngeemaski zakho.
- Hlamba imaski ngesepha namanzi ashushu.
- Yomise imaski elangeni uyi-ayine ukubulala iintsholongwane.



# Sebenzisa imaski yelaphu ukuba uza kudibana nabantu

- Usebenzisa isithuthi sokuhamba sikawonke-wonke
- Uyothenga ezivenkileni
- Uya kwiindawo zeenkonzelo ezingundoqo



## Imaski yelaphu elungileyo:

- Inobuncinane bemaleko emi 3:
  - Imaleko yangaphandle emibini yenziwe ngohlobo lomqhaphu ongqindilili osabu-denim, osabu-calico, olilaphu le-pherolstery okanye isishweshwe.
  - Umaleko ongaphakathi wenziwe ngomqhaphu othambileyo.
  - Kuphephe ukusebenzisa imathiriyeli yesikipa.
- Sebenzisa amalaphu anokuhlanjwa emanzini ashushu yaye a-ayinwe.
- Isisikwere esineepliti ezi-3 ukuze ihlale kakuhle.
- Igquma ukusuka entla kwempumlo ukuya ezantsi kwesilevu ukuya kuma ezindlebeni.
- Inemitya eqhina ngasemva kwentloko.

Ukuba uyagula yintsholongwane ye-corona okanye ukhathalela umntu onayo, thetha nomsebenzi wezempilo okanye ihotline mayelana nokuba zeziphi iimaski okanye ukhuseleko ongalusebenzisa.

